

Ukuba Umntu ! Akakwazi!!

UKUYONGAMELA EYAKE-INDLU!!!
 ARGATININA UKUPATA ISIZWE SIKA
 TIXO?

EYOKUQALA KA TIMOTI 3 : 5.

(Yimbongikazi Nontsizi Mqgwetto.)

Kwati kekaloku batsho osivile
 Tina bomeqaba sakufa sivile
 Ngobume nikubo nina magqob'oka
 Nigqob'ok' emini kuhlwe nizinc'uka.

Namhla sigagene andlye Nongqause
 Yena wadiliz' intaba zama Xosa
 Uti u Timoti ndim lowu tetayo
 Bikela mawenu uti ndim otshoyo.

Zipina Inkokeli ezinje ngo Hosheha
 Abangxolisi be Zulu liduduma
 Ezazitandaza zimise ne Langa
 Zikangelane nentabe zine Langa.

Inkokeli zimelwe kukundileka
 Umfazi nabantwana bokundileka
 Utsho u Timoti ndim low' utetayo
 Lakutsho ne Zulu mhla nalo llwayo.

Kulihlazo kulidano makowetu
 Kulilishwa nokunganced' amawetu
 Ube usiti wena usistyudeni
 Obani aba konke kuwe abani.

Zipina Inkokeli ezinje ngo Yoshuwa
 Ezazinotando zivuke zisiwa
 Ezazipata Isizwe sika Tixo
 Zindilekile zingenzi nangampoxo.

Namhla sigagene utsho u Timoti
 Wanqikeka ke umti nengcambu zomati
 Nitshatshele nje kupela ngamawonga
 Nenza nezilo ngoko zati manga.

Lento iyi Nkokeli yingwe yetunzi
 Nasezintsizini zonke Zake u Menzi
 Yingwe yetunzi Umfusa wapakade
 Into ekangela ngaliso elikude.

Ezangoku zipatene ngobutshaba
 Kodwa Bantsundu bangqongwe nazi-
 [ntsnaba]

Uhlalapi lo Tixo sidlala Ngaye?
 Umpefumlo wako Usesandleni Kuye
 [Basop!!]

Ngobeko kade lingaziwa ne Langa
 Ngobeko kade ingaziwa ne Nyanga
 Ngowobukulu Bungaqalelangapi
 Kwano Bukulu Bungapelelangapi
 [Camagu!!]

Inkokeli zimelwe kukundileka
 Kuba emva kwezindlu kungoyikeka
 Imnke ne Minyanya lti ayisazi
 Sintywile kunjalo kumfula "Wosizi."

Bangafa nabantu bengazuzanganto
 Xa ke kungaveli simanga saluto
 Namhla sigagene andinguye Nongqause
 Yena wadiliza Intaba zama Xosa.

[Funda! Izibhalo!]